

Vuk'uzenzele




Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| EyeKhala 2018 Ushicilelo 2

Celebrating the life of an icon



NHI a leap to improved health care

Page 6



Textile designer taking African craft to the world

Page 8



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Free Copy

"I seem to arrive more firmly at the conclusion that my own life struggle has had meaning only because, dimly and perhaps incoherently, it has sought to achieve the supreme objective of ensuring that each, without regard to race, colour, gender or social status, could have the possibility to reach for the skies."

Nelson Mandela



Amathuba owafumana ebomini, wasebenzise

INKQUBO YOKUXHOBISA nokuPhuhlisa amaFama inceda abantu abahlelelekileyo ingakumbi abo bafumene imihlaba ngenkqubo karhulumente yokuBuyiswa imihlaba.

Amukelani Chauke

ISebe lezoLimo laseNtshona Koloni liqhuba inkqubo enceda amafama asaqalayo nalawo sele emile ngenkxaso ukusuka mhlabani waqalisa ukufama - xa efuna uncedo ngezimali - ade akwazi ukuzimela.

Inkqubo yokuXhasa nokuPhuhlisa amaFama inceda abantu abatsha abafana noWayne Mansfield (oneminyaka engama-33 ubudala) wasePaarl, osuke ekubeni ngumthengisi wasesitalatweni osebenzela utatomncinci wakhe eMarikeni yaseKapa xa kuvalwe izikolo waya ekubeni ngusomashishini othumela kumazwe angaphandle iilamuni azilima ngokwakhe kumhlaba awuqeshileyo.

Kwisithuba seminyaka elishumi edlulileyo, uMansfield engusomashishini osakhasayo oneminyaka engama-23 ubudala, zange asithathe isithuba somsebenzi awayesifumana kwifama awayethenga kuyo iilamuni awayezithengisa ngelo xesha. Isizathu sakhe yayikukuba ngelo xesha waye-



■ Umfama osemncinci uWayne Mansfield (oneminyaka engama-33 ubudala) wasePaarl, osuke ekubeni ngumthengisi wasesitalatweni osebenzela utatomncinci wakhe eMarikeni yaseKapa xa kuvalwe izikolo waya ekubeni ngusomashishini othumela kumazwe angaphandle iilamuni azilima ngokwakhe kumhlaba awuqeshileyo.

ngenamdla kwintoyokuba ngumfama.

Kodwa ekuhambeni kweminyaka, oku kwaye kwatshintsha xa ebona indlela iilamuni ezithengwa ngayo.

"Ndaqaphela ukuba amafama nawo enza le nto nathi bathengisi basesitalatweni sasiyenza - ayezipakishela iimveliso zawo aze aye kuzithengisa emarikeni yaseKapa. Ndaye ndaqonda ukuba thina njengabathengisi basesitalatweni siza kungabi nabantu siza kubathengisela.

Malunga nonyaka wama-2013, umfama walengingqi wavuma ukuba afundise uMansfield onke amaqhinga okuba ngumfama waza wamni-

ka umhlaba ozihektare ezili-12 ukuba awuqeshe. Waya wafaka nemibhobho yokunkcenceshela into leyo yanceda uMansfield watsho wakwazi ukulima.

Ngowama-2015, wakwazi ukuthumela kumazwe angaphandle umthwalo weelamuni ozitoni ezingama-31. Ngonyaka olandelayo, ngowama-2016, umthamo wenyuka waya kutho kwiitoni ezili-168.

Oku kwenzeka ngenxa yokufundiswa nokuqeqeshwa ngumakhwekhwetha kunye nangoncedo awalifumana kwiNkqubo yokuXhasa nokuPhuhlisa amaFama into leyo yamenza wafumana isibonelelo-mali seNkqubo eBanzi

yokuXhasa ezoLimo (i-CASP) ngowama-2015. Esi sibonelelo-mali samnceda kakhulu watsho wazenza futhi nefama yakhe yakhula.

Ukuxhobisa Amafama Ngezakhono

Inkqubo yokuXhasa nokuPhuhlisa amaFama ilungiselelwe ukuxhobisa ngezakhono abantu abahlelelekile ngaphambili, ingakumbi abo baxhamla kwinkqubo karhulumente yokuBuyiswa kwemiHlaba. Inceda amafama asakhasayo, lawo alimela ukuzondla wona neentsapho zawo, lawo aneefama ezincinci kunye nalawo arhwebayo.

Umlawuli weeprojekthi wecandelo lenkxaso yophuhliso lwezolimo kwiSebe lezoLimo laseNtshona Koloni uShaheed Martin uthi le nkqubo inceda amafama atsho akwazi ukuzimela.

"Sanceda amafama esaqala. Oku kuthetha ukuba siyawanceda nangenkqubo yokufaka isicelo sesibonelelo-mali aze athi zakuba izicelo zawo zivunyiwe, siwancede aqalise ukulima nokuvelisa," ucacise watsho.

Ucacisile nokuba indlela esetyenziswa lisebe ijonga zonke iimfuno zomfama ize incedise ngeenkono zenkxaso ezigcweleleyo, eziquka ukuncedisa nangeziseko ezingundoqo.

"Sinazo neengcali ngezozoqoqo-sho zona ezithi zincede amafama ukuwakhangelisa iindawo anokuthengisa kuzo iimveliso zawo xa sele emile," wongeze watsho. ■

Ukuba ungumfama onefama encinci okanye olimela ukurhweba ungatsalela ku: 021 808 5111 ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe malunga neNkqubo yokuXhasa nokuPhuhlisa amaFama.

Young female farmer leads in YAFF awards

Keamogetse Kgomanyane

Being born with a disability did not stop Landiswa Diniso from achieving her dream of being a farmer. In fact, it encouraged her to work harder.

The 28-year-old is the owner of Landiswa Diniso Livestock Enterprise in Burgersdorp in the northern part of the Eastern Cape.

She walked away with the Special Ministerial Award for a young entrepreneur living with a disability at the recently held 2018 Youth in Agriculture, Forestry and Fisheries (YAFF) awards.

Diniso was born with a disability in her left leg and has to wear a brace for support. However, she has not allowed

her disability to limit her.

As a young woman who grew up on a farm and later moved to a township in the Eastern Cape, Diniso said her journey into farming started over three years ago when her uncle gave her a calf.

She kept her calf in a grazing area and in 2015 the same animal which was now a cow had a calf. This inspired the farmer to continue in the farming business and she approached the Department of Rural Development and Agrarian Reform for support. She received animal feed and goats to start her business.

Today, the enterprise has grown to include a herd of 10 cattle, seven goats, eight pigs and a small patch where Diniso plants vegetables for the house-

hold and sells the surplus to the local community. This has become a means of livelihood for Diniso and her family.

She wishes to become a successful livestock farmer in the future and become an inspiration to the younger generation.

With the prize money of R50 000 she said it would help her start her goals. "The prize money will really assist my business. I believe farming is important because it creates job opportunities for unemployed youth," said Diniso.

Speaking at the awards ceremony, the Minister for Agriculture, Forestry and Fisheries, Senzeni Zokwana, said the nominees and recipients of the YAFF awards were proof that the youth is interested in the agriculture sector.



■ Landiswa Diniso working hard to grow her farming business.

I-NHI yinkqubo yeenkonzo zempilo engcono kakhulu

I-NDP ithi xa kuqaliswa inkqubo ye-NHI, umba weenkonzo zempilo ezingekho mgangathweni kunye nowemali eninzi ebizwa kwizibhedlele zabucala kufanele ulungiswe.



UMphathiswa weze-Mpilo uGq Aaron Motsoaledi uthi uMthetho-sihlomelo oYilwayo we-Inshorensi yeSizwe yezeMpilo (i-NHI) uza kuwuphucula umgangatho weenkonzo zempilo eMzantsi Afrika.

UGq Motsoaledi ebethetha kutsha nje kwintlanganisano nonoondaba apho ebenika iinkcukacha ezigweleleyo ngoMthetho-sihlomelo oYilwayo we-NHI kunye noMthetho-sihlomelo oyiLwayo weziKimu zezoNyango.

Le Mithetho iYilwayo ingamaqalela amalinge okulu-

ngiselela ukuba abantu abaninzi bafumane iinkonzo zonyango nge-NHI.

Umthetho oyilwayo ngumthetho ongekagqitywa osafuna ukugqithiswa kuwo onke amanqanaba okwenziwa komthetho. Imithetho eYilwayo emininzi ibhalwa lisebe likarhulumente, isebe lo likhokelwa ngumphathiswa walo. UMthetho oYilwayo kufuneka uvunywe yiKhabhinethi phambi kokuba ungeniswe ePalamente.

Ukungeniswa kwale mithetho iYilwayo mibini kuthetha ukuba uMzantsi Afrika sele kumbovu ukuba ube

nenkqubo yeenkonzo zempilo zomntu wonke, into leyo ethetha ukuba i-NHI iza kuba ngumthetho kungekudala.

I-NHI yinkqubo yokuncedisa efana nengxowa-mali. Le nkqubo iza kuqinisekisa ukuba bonke abemi boMzantsi Afrika bayazifumana iinkonzo zempilo ezibalukekileyo, nokuba umntu usebenza phi na okanye akanayo imali yokubhatala i-NHI.

UGq Motsoaledi uthi urhulumente uyayazi ukuba abanye abantu bakholelwa ekubeni akufuneki kuthethwe nokuthethwa nge-NHI, ingekalungiswa inkqubo karhulu-

mente yezempilo ekwisimo esimaxongo kuqala.

Uthi urhulumente uyazazi iingxaki zeenkonzo zempilo ezingekho mgangathweni nezisokolekayo ukuba zifunyanwe kumaziko ezempilo karhulumente.

UGq Motsoaledi uthi iSicwangciso soPhuhliso seSizwe (i-NDP) saphawula ukuba ikhona ingxaki kwiinkonzo zempilo kumaziko karhulumente kwaye ngokuqalisa inkqubo ye-NHI kuza kulungiswa ingxaki yeenkonzo zempilo ezingekho mgangathweni kumaziko karhulumente kunye neyeendleko eziphezulu kumaziko abucala.

Nangona izilungiso kule mithetho iYilwayo zisagwadlwa, isebe liza kuqalisa ngeprojekthi ze-NHI ezine ubuncinane. Ezi projekthi ziquka iinkonzo zempilo ezikolweni, iinkonzo zempilo zabaphazamiseke engqondweni, iinkonzo zempilo zoomama abakhulelweyo abaneengxaki ngezisu zabo kwizibhedlele ezichaphazeleke kakhulu ezingama-22 kunye ne-oncology. Nangona nje nawo amanye amaphondo eza kuhoywa, kodwa ezi projekthi ziza kugxininisa kakhulu kwiphondo laKwaZulu-Natal nelaseGauteng.

UGq Motsoaledi uphinde wongeza wathi imali ebizwa ngamaziko onyango abucala ayifikeleki kube-

mi beli abaninzi, kangangokuba kutyunjwe lowo wayesakuba yiJaji eyiNtloko uSandile Ngcobo yiKomishini yezoKhuphiswano ukuba aqhube uphando ngeendleko zempilo kumaziko onyango abucala.

Ezi zilungiso ziza kuqaliswa ziza kunceda kakhulu abantu abagulayo abasengxakini yokungabi namali.

UGq Motsoaledi uthi isilungiso sokuqala kulo Mthetho uYilwayo siza kubhangisa le nkqubo isetyenziswayo ngoku yokuba abantu kufuneka bongeze imali kule ibhatalwa zizikimu zonyango zabucala.

Ukongeza intlawulo ngaphezulu kwale ihlawulwa zizikimu zonyango zabucala kuthetha ukuba isikimu sezonyango sibhatala isixa esithile, oko kukuthi, asiyibhatali yonke le mali ibizwe ngugqirha okanye sisibhedlele sabucala, ize imali eshiyekileyo ibhatalwe ngumntu lowo ugulayo.

Ubuzazi Na?

Ukuba isebe ligqibe okanye lisagqibezela umsebenzi wokwakha nokulungisa iiklinikhi ezingama-701 laze lachitha imali ezibhiliyoni ezingama-40 zeerandi kumalungiselelo e-NHI.

Plans to drastically change TB treatment

THE INTRODUCTION of Bedaquiline has earned South Africa the top spot as the first country in the world to dispense this type of treatment.

Patients with Multi-drug Resistant Tuberculosis (MDR-TB) will now be able to receive life changing treatment as the Department of Health begins its roll-out of Bedaquiline.

According to the department's drug resistant TB director, Norbert Ndjeka Bedaquiline will replace the old regimen, which makes use of injections to administer MDR-TB treatment.

"This means that for the first time, an injection-free

regimen will be recommended for all patients with Rifampicin Resistant Tuberculosis in South Africa. Additionally, patients with MDR-TB will now also receive Bedaquiline as part of a more patient friendly short regimen, which is expected to improve adherence and ensure success," he said.

The introduction of Bedaquiline has earned South Africa the top spot as the first country in the world to dispense this type of treatment.

The department says Be-

daquiline has been hailed for its effective treatment and short turnaround time.

"Treating patients with drug resistant TB was difficult with old medicines, which had many negative side effects and over long periods often up to 24 months."

In addition, the treatment is revered for reducing the number of deaths and having fewer side effects in comparison to its injectable counterpart, which resulted in hearing loss for many MDR-TB patients.



The department began the roll-out of Bedaquiline across the country in July.

"We started the roll-out with facilities that are ready to implement. This will be done in a phase by phase approach. We will then assist

and capacitate those provinces that need assistance," said Ndjeka.

It is anticipated that roll-out across the country will be concluded between the next three to six months.

www.sanews.gov.za